URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Gavin de Bruyn/ Tamaryn Petersen
ICandelo le-*Cape Teaching and Leadership Institute*
(kuqukwa ne-*EDULIS*)
Gavin.DeBruyn@westerncape.gov.za | 021 900 5053
Tamaryn.Petersen@westerncape.gov.za | 021 900 5062

Inombolo yefayili: 23/2/7/2
Isalathiso: 20221208-9780

INgcaciso eMfutshane yeCandelo i-*Cape Teaching and Leadership Institute:* 0002/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kwiiNtloko zeMfundo eBandakanya bonke aBafundi neNkxaso yeMfundo eneeMfuno eziZodwa, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente

Isihloko: Inkxaso-mali eyenzelwe izifundo zasemva kwesidanga semfundo sokuqala (*postgraduate studies*) yootitshala abasenkonzweni ukwenzela unyaka wokufunda wawama-2023

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) ngentsebenziswano ne-*Education Teaching Development Practices Sector Education Training Authority* (*ETDP SETA*) limema ootitshala (abasezikolweni nabasezi-ofisini) ukuba benze isicelo senkxaso-mali efumanekayo ekhutshwa kube kanye ukwenzela izifundo zasemva kokufumana isidanga semfundo sokuqala.

2. Inkxaso-mali ekhutshwa kube kanye inokusetyenziswa kuphela kwizifundo ezenziwa kunyaka wokufunda wama-2023.

3. Inkxaso-mali iya kuhlawulelwa ezi program zilandelayo kube kanye :

	IProgram eyenziwa emva kweyesiDanga seMfundo sokuqala (*Postgraduate Programme*)	**INqanaba le-*NQF***	**Isixa-mali senkxaso-mali**
i	I-*Postgraduate Diploma in Education*	8	R 25 000
ii	*I-BEd Honours*	8	R 30 000
iii	*I-Master's in Education/MPhil*	9	R 25 000

	(education related)		
iv	*Doctorate in Education/PhD*	10	R 30 000

4. Ootitshala abazizalisekisayo ezi mfuno zingummiselo zilandelayo banako ukwenza isicelo senkxaso-mali ekhutshwa kube kanye:

   (i) Makabe **uqeshwe isigxina** liSebe i-*WCED*.
   (ii) **Makabe akabhalisanga** kwenye iyunivesithi nokuba yeyiphi na xa esenza esi sicelo okanye xa ebhalisa.

5. Ibhasari nganye ekhutshiweyo iya kuba sisixa-mali esibandakanywe kumhlathi 3 yaye i-*ETDP SETA* iya kwenza iintlawulo ngqo kwiziko lemfundo ephakamileyo (*HEI*) elichaphazelekayo.

6. Abenzi-sicelo abaphumeleleyo baya kuba noxanduva lweendleko zezixhobo zokuxhasa ukufunda, apho kufanelekileyo.

7. Ootitshala abanqwenela ukuqwalaselelwa inkxaso-mali bayacelwa bazalise iifom eziqhotyoshelweyo zesiHlomelo A (iFom yeSicelo) nesiHlomelo B (iFom yeMvumelwano) bazingenise zombini kwiZiko i-*Cape Teaching and Leadership Institute* ungadlulanga **owe-16 Februwari 2023.**

8. Izicelo mazingeniswe ngekhompyutha kule linki inikwe ngezantsi:
   https://forms.gle/2JFpBUFuWsPMTzDL6

9. Kucelwa nithathele ingqalelo isiHlomelo C esiya kuninika isikhokelo samanyathelo okufaka amaxwebhu ahamba nesicelo. Kucelwa ukuba niwalandele ngononophelo amanyathelo okungenisa isicelo njengokuba ukungeniswa kwamaxwebhu angaphelelanga kuya kukhokelela ekubeni zingaqwalaselwa izicelo.

10. Yonke imibuzo mayithunyelwe ngqo kule dilesi ye-imeyili ilandelayo: **ctlibursaries@wced.info**.

11. **Kucelwa kuqatshelwe okulandelayo:**
    - **akukho zicelo ezifakwe ngesandla ziya kwamkeleka;**
    - **izicelo ezinengcaciso engaphelelanga okanye ezingafundekiyo azisayi kuqwalaselwa; yaye**
    - **izicelo ezithunyelwe ngefeksi azisayi kwamkelwa.**

12. Izicelo ezifunyenwe emva komhla osikiweyo we-16 Februwari 2023 azisayi kuqwalaselwa.

13. **La maxwebhu alandelayo mawasayinwe ngumenzi-sicelo aze emva koko angeniswe: likopi eziqinisekisiweyo zakho** (kungadlulanga inyanga ezintathu ziqinisekisiwe):

(i) Ubungqina bokwamkelwa liziko i-*HEI* ukulungiselela unyaka wokufunda wama-2023;
(ii) Ubungqina bokubhalisa ngonyaka wokufunda wama-2023;
(iii) Ingxelo ye-Akhawunti yeefizi (*Statement of Account*) (i-akhawunti yeefizi zabafundi);
(iv) Amabanga emfundo ephezulu (*Highest qualification*);
(v) Irekhodi yezifundo aziphumeleleyo (*Academic record*); kunye
(vi) Nesazisi (*Identity document)*.

14. Ngokuzalisa ifom yemvumelwano (isiHlomelo B), abenzi-sicelo abaphumeleleyo baya kungena kwimvumelwano emiselweyo neSebe i-*WCED* yokwenza inkonzo yonyaka ngonyaka ngamnye ebenikwe ngawo inkxaso-mali, kwakunye nokuba bathobele neminye imiqathango echazwe kwimvumelwano.

15. Kucelwa niqinisekise ukuba okukule ngcaciso imfutshane kwaziswa bonke ootitshala ukwenzela ukuba bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2023-02-07